# VAKALISA ULUVO LWAKHO!
# ISICWANGCISO ESILUYILO ESINGORHWEBO LASESITRATWENI ESIJOLISWE E SUN VALLEY (KWIWADI 69)

ISixeko saseKapa sinegunya lokulawula urhwebo lasesitratweni kummandla waso eliwugunyaziselweyo. UMthetho kaMasipala ongoRhwebo lasesitratweni uthi uvumele isicwangciso sezorhwebo lasesitratweni kuyo nayiphina indawo okanye kummandla kwaye obalulwe ngokukodwa, onesithintelo okanye engavumelekanga ukuba kuqhutywe urhwebo lasesitratweni kusenziwa oko kusetyenziswa eso sicwangciso.  Kufuneka kuqala kufumaneke isiphumezo esisesikweni seBhunga njengenxal'enye yenkqubo ngaphambi kokuba kumiselwe okanye kubhengezwe ngokusesikweni nayiphina indawo njengommandla ongesicwangciso sezorhwebo lasesitratweni.

ISixeko sikwinkqubo yokuphengulula ngokutsha isicwangciso sozorhwebo lasesitratweni esilungiselelwe iSun Valley  kwiWadi 69.

IBhunga lithabathe isigqibo sokuba, ngokwecandelo17 loMthetho ongobuRhulumente boMmandla ongoLawulo lweeNkqubo zikaMasipala ongunomb.32 wango2000,  sokuba uluntu namaqela anomdla okanye imibutho iyakuthi inikwe ithuba lokungenisa kumasipala izimvo, izindululo okanye izilungiso ukususela ngowe10 kweyeKhala (July) ukuya kweyeThupha (Agasti) 2025.

Onke amaqela anomdla nachaphazelekayo ke ngoko ayamenywa ngokusesikweni ukuba azimase ezi seshini zivulelekileyo, zilandelayo kwaye angenise izimvo ngokujoliswe kwisicwangciso esi esiluyilo:

**UMHLA:** 23 kweyeKhala (Julayi) 2025
**IXESHA:** 16:00 – 18:00
**INDAWO:** iZiko loLuntu laseFish Hoek, Main Road, eFish Hoek

**Izimvo, izilungiso nezindululo zingangiswa:**
- I-imeyile: deonx.louw@capetown.gov.za
- Iwebhusayithi engu:
- Ngokwakho: kwiBhungana19, kwiiOfisi zikaMasipala waseFish Hoek, kwiCentral Circle, Off Recreation Road,eFish Hoek okanye kwiSakhiwo sikaMasipala wasePlumstead, 3 Main Road (kwikona yeVictoria Road), ePlumstead

Kuyakuthi kunikezelwe uncedo olulodwa kwabo bantu bangenakho ukufunda okanye ukubhala, abo bakhubazekileyo nabo bahlelelekileyo apho bangenakho ukungenisa izimvo ezibhaliweyo ukuba kufumaneke izimvo okanye izilungiso zabo ukuze zirekhodishwe kwaye zingeniswe kumasipala. Ukuze ufumane uncedo, qhagamshelana noAnthea Bendie kwa021 400 1450 okanye ku Anthea.Bendie@capetown.gov.za.

Ngentathonxaxheba yoluntu ngokuphangaleleyo, qhagamshelana noAnthea Bendie kwa021 400 1450 okanye uimeyilele Anthea.Bendie@capetown.gov.za ukuze ufumane uncedo.

Isiphakamiso sesicwangciso sorhwebo lasesitratweni esiluyilo esijoliswe eSun Valley siyakuthi sifumaneke ukuba siphononongwe kwiwebhusayithi yeSixeko enguwww.capetown.gov.za/haveyoursay,  kwiofisi yeBhunga19 kunye nakwizakhiwo zamathala eencwadi zeSixeko kwiBhungana19.

**Qhagamshelana noDeon Louw kwa021 400 5960 okanye uimeyilele kwa deonx.louw@capetown.gov.za ukuze uubuze nawuphina umbuzo ngokumalunga nesicwangciso esiluyil lorhwebo lasesitratweni.**

**LUNGELO MBANDAZAYO**
**UMPHATHI WESIXEKO**
**CTA140/2025**

CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.